# ISIQULATHO


1 ABAVUNI
2 IINYANGA ZOMNYAKA
3 IIMVIWO
4 AA KUMKANI!
5 ULWANDLE
6 UDUMANI
7 IQEGU LAM
8 UNOZIZWE NONOZIBELE
9 UHOLANI
10 UKUTHEZA
11 INTULO
12 UMPHOTHULO NONOMBHINQO
13 UNODOLI
14 IZENZO ZOBUBELE
15 IIGUSHA
16 UBHANTOM
17 UPONI
18 UNOMYAYI
19 INKWILI
20 IGORA
21 IGAMA LAM
22 UKONWABA
23 UBLEKHI
24 ISISU
25 UKUTSHA KOMBONA
26 IINJOVA
27 UMTSHATO
28 ANDONWABANGA
29 UBHANTAWULI
30 ABAHLOLI—ZIKOLO ABANTSUNDU
31 UMONA
32 UNOZIPHO
33 ABAZALI BAM
34 UBHISHOPHU BONAVENTURE DLAMINI
35 UKUTSHILA KWENTAMBANANE

# 1. ABAVUNI

1. Bonani abantu emasimini,
Bathe saa bayaqhokra emasimini,
Bahlubula amakhasi ezikhwebini
Baphose izikhwebu emilwini,
Basebenza ngeengalo ezingenamkhinkqi
Bebonakalisa ukucaca emsebenzini.

2. Bonani iindunduma zezitha
Zombona ekuthiwa ngungoyi,
Imbewu ebomvu yathi rwebhe
Ethi seyilayishiwe ezayo izikhwebu,
Nomwa usala ubomvu uthe rwebhe
Ze iibhokhwe zimemethe zikhumathele.

3. Bonani abavunisi bathwel' iingobozi,
Ukusing' emakhaya ngentshonalanga,
Begoduka namaqhakata nocaca,
Nomdlungu wokunceda iihagu;
Izihumba ziphoswe emazaleni
Kwalungiswa iziswenye zembew' ezayo.

4. Bonani baqokelela amathanga,
Osolontsi, osenza nomixoxozi,
Zebapheke umqa nomxhaxha,
Bade baxoze benze nogagadu
Ngethanga elinencasa nelimkhuma
Nomxoxozi omnandi ngokwevatala.

5. Bonani babase omkhulu umlilo
Besoja amaqhashu aph' eziko,
Kutsalwa imilibo yamathanga
Enentwana yentsalela yemithwane.
Abanye banqunqutha ugcado,
Nabanye bahlafuna iinkobe.

6. Konwatyiwe kudliwa iimbadu
Kulunyelwa ngamarewu nentloya,
Impahla imnyama ngumhlaba-ngubo
Baqothole bee nkwa litshungu;
Bayaluzela ilanga selimkile
Babhekisa imibombo emakhaya.

## 2. IINYANGA ZOMNYAKA

1. Januwari ngena sikubone
Nyangandini yomnyak' omtsha,
Yid' ufike nobushushu nembalela
Kub' unjalo ngamanye amaxesha.

2. Sondela Februwari sikubone
Nyangandini elandel' uJanuwari,
Khawenze imvula sibone
Ungafani nesihlobo uJanuwari.

3. Uphi na Matshi mhlobo wethu
Nekhaba eliluhlaza emasimini?
Zekuphele indlala kumawethu
Xa kungene ukwindla emasimini.

4. Ngena nawe nyangandini Aprili,
Siluqalile ulibo kuMatshi,
Ungaqal' utshazise iimpuzi
Kuba kaloku sisatya imithwane.

5. Kanene wena Meyi uyaweza nengqele,
Kodwa uyazi ukuba asinazo iingubo,
Sovuna sithini xa likhithikayo?
Kaloku kumagxwala phaya emasimini.

6. Ewe ke wasibulala wena Juni
Ngaloo ngqele iqotholisa abantu,
Siyakoyika nyangandini enguJuni,
Usizisela ingqele nekhephu.

7. Julayi khawuncede usicengele
Kupheliswe yonke imbalela,
UAgasti kakade selefikile
Esiza nemimoya neentuli.

8. Septemba wena wentwasa-hlobo
Vuma ziwe iimvula zokuqala;
Zesibone ubuhle botyani
Iintyatyambo nohlaza lwendalo.

9. O-Oktobha, Novemba noDisemba
Bavakala ngefuthe ukuza kwabo,
Wayigqibela intlakohlaza uOktobha
Balithwasis' ihlobo oDisemba.

10. Yini na le bantwana bomnyaka
Nguwuphi na omdala kuni nonke?
NguJanuwari imvela tanci yenu na?
NguDisemba iphelo kusini na?

11. Kutheni na nishiyana ngeentsuku
De nahlukane nangenani leeveki?
Khanigoduke niye kulala nidiniwe,
Ndathoba, ndavepha, ndema!

## 3. IIMVIWO

1. Iwu! Iwu! Iwuu!
Konakele, konakele bafundi!
Wenna! Wenna! Wennaa!
Zifikile iimviwo bantwana.

2. Nanzo zifuqile zisiza,
Seziphala ngomxhinokazi,
Ziyambethe indlela macal' onke
Zisinga kumagumbi ngamagumbi.

3. Lungisani nime kuhle kaloku
Nixhobe niphelele ezifundweni,
Idabi elizayo liya kuba nzima
Lofanela amakroti namakhalipha.

4. Ngenani nilwe nazo ngamandla,
Niqine nifak' ility' entliziyweni.
Nigqushe niqwenge nicokise,
Nilahl' ugodo kwinto yonke elapho.

5. Edabini kuf' ayayo nto zakuthi!
NabaseTyhini bayafuneka namhlanje.
Iinduma zibe ngaphambili kuphela,
Zeningahlehli nilwele uloyiso.

6. Qulukuzu! quzu! kwahlangana!
Cwaka! Cum! Dukalala!
Krwe! krwe! krwe! mhuu!
Latsh' usiba, savakal' isingqala.

7. Yini na mthinjana wakuthi
Ngathi niphuma nidakumbile nje?
Kutheni na mlisela wakuthi
Nayozoyozo nje?

8. Phuthumani amandla kwakhona
Senikufuphi ekupheleni kwemfazwe,
Yibambeni nime nayo bafundi
Ingaphuncuki ze ingoze abasemva.

9. Masibuyele emakhaya ke ngoku,
Siphozise iinduma neengongoma,
Zesiphulule sithuthuzele iingxwelera
Zakufika iingxelo zeemviwo.

## 4. AA! KUMKANI!

"Yabonani, intombi le iya kumitha izale unyana,
Bambiza ngegama elinguManuweli"—Mateyu I, ivesi 23.

1. Sivakele isandi
Sokuza komntwan' omhle,
Livakele ifuthe
Lokufika kweTshaw' elihle.

2. Yini na le ingaka
Yothuse abalusi?
Kuhleni na kakade,
De kushukume nezazi?

3. Sithi Aa! Mhlekazi!
Kumkani yeekumkani,
Bayethe, Mhlekazi!
Akulingani naKumkani.

4. Sithi Aa! Mhlekazi!
Wena Sana lweZulu,
Bayethe Kumkani!
Wena nzala kaYuda.

5. Aa! wena ngangalala!
Akutshonelwa langa,
Wena Khwezi lomso
Umhle njengenyanga.

6. Sivuyiswa kukuza kwakho,
Thole lakulomaZulu.
Asinanto esandleni
Tshaw' elihle lamaZulu.

7. Tshotsh' ufike Mkhululi
Lulama leZulu,
Namhla sikhululekile,
Msindisi waboni.

8. Uzuthule isitsaba
Nyana wobuNgcwalisa,
Zesifunyanwe sithi
Wena Manuweli.

9. Uze usithethelele
Nyana waseNyangweni,
Zesilungelwe ke
Ekhay' ezulwini.

10. Aa! Mhlekazi!
Ngcwele yeeNgcwele,
Ubukumkani mabufike,
Makube njalo!

## 5. ULWANDLE

1. Yintywenka yomlambo ongenasiphelo,
Ophela apho kudinwe amehlo.
Yinkuntyula yengxaki yesiziba
Esimanz' aluhlaza ngokwesibhakabhaka.

2. Wakuwaphosa amehlo elwandle
Manzi mani na la abil' engaphekwanga?
Wakuqwalasela kakuhle elwandle
Bhokhwe zini n' ezimhlophe nje zonke?

3. Mlambo mni na lo ungavumiyo ukuzala
Kanti imilambo ithululela kuwe?
Imvula yelizwe liphela
Iye kutshona kwisiziba esingahluthiyo?

4. Mlambo mni lo umanzi angaselwayo
Imifula ibiwathumele khona eselwa?
Manzi mani na la agqum' engasayeki
Esilwa ngomsindo imini nezolo?

5. Isimanga somlambo oginyayo
Uze ubuye uhlanze kwangoko,
Utyani na le icoceke kangaka
Ingazanga ibonwe nangabantu?

6. Lulwandle usisimanga sezimanga!
Udalwe ngendlela enqabileyo,
Ohleli kuloo manzi agqumayo
Ngathi uphile ubomi bentshontsho.

7. Lulwandle uyingxaki yeengxaki!
Wen' umaza agquma ngokweendudumo,
Naxa ubonakala ulwile lonk' ixesha
Uyabaphilisa abeze ngokucel' impilo.

8. Lulwandle, wena Lulwandle!
Manzindini eemini zoNogumbe,
Lulwandle, hayi Lulwandle!
Msebenzi wezandla zoSomandla.

## 6. UDUMANI

1. Bonani nanku uDumani
Unyana katat' uVumani,
Uhamba phakathi kwemithi
Etsiba nangayo imitsi.

2. Bonani ubuhle bakhe,
Isisu nobuso bakhe,
Wondliwe ngumama wakhe
Wacocwa ngumama wakhe.

3. Wonwabile ngenene uDumani,
Waxhuma, waguya wee qakatha,
Wanga selesithi "Vumani"
Ebona, enuka umthakathi.

4. Lihomba ngenene le nkwenkwe,
Yanqashela, yatshawuza,
Iphethe umnqayi le nkwenkwe,
Yee khatsha, yee khalakatsha,

## 7. IQEGU LAM

1. Nali lifika iqegu lam,
   Qakatha qakatha qakatha,
   Ndakhwela kulo iqegu lam
   Qabadu qabadu qabadu.

2. Laphala kuhle iqegu lam
   Khalakatsha, kholokotsho,
   Ho phala kuhle indaw' iyehlela
   Khatshatsha, khatshatsha!

## 8. UNOZIZWE NONOZIBELE

UNozizwe: Molo Nozibele.
UNozibele: Nozizwe kutheni ungayanganje esikolweni?
UNozizwe: Hayi wethu bendinqena mna namhlanje. Wena Nozibele ubuyile undibuza nje?
UNozibele: Hayi, nam bendingayanga ntanga.
UNozizwe: Heyi, siya kufa ngutitshalakazi ngomso. Kaloku akafuni bantwana bangasihambiyo isikolo, uthi bawubuyisela emva umsebenzi wakhe.
UNozibele: Zesiye wethu ngomso.
UNozizwe: Kulungile wethu, zesihambe kunye kwakusasa.

## 9. UHOLANI

1. Ndinehashe lam elihle
   Igama lalo nguHolani,
   Uhamba kakuhle ngenene
   Athi tum, tum, tum.

2. Ndakukhwela kuye uHolani
Ukh' adlalise, adlale, adlale,
Ahole, ahole, ahole,
Athi qakatha, qakatha, qakatha.

3. Kant' uHolani uqhuqha kakuhle
Athi qhuph qhuph qhuph,
Az' esuke ahambe kakuhle
Athi thawu thawu thawu.

## 10. UKUTHEZA

1. Izolo ndiye ehlathini
Ndiphethe intambo nenkatha,
Ndachola-chola iintsasana
Zemithi eyome khwahla.

2. Ndizibekelele iintsasana
Ukuze ndenze inyanda,
Ndayibopha ndaza ndayithwala
Ndangcekelela ndagoduka.

## 11. INTULO

1. Emini ndibona intulo
Ithe qwaa phezu kwelitye,
Yaman' isithi gontshi, gontshi
Itshon' ivela ezixhotyeni.

2. Ndiyivumele ingoma yayo
Ndatsho kamnandi ndenjenje,
Wena nontulo yintoni l'uyenzayo?
Wena nontulo yintoni l'uyenzayo?

## 12. UMPHOTHULO NONOMBHINQO

1. Abantwana ababini
UMphothulo noNombhinqo,
Baya evenkileni
Ngokuthenga iziphungo.

2. Kwafik' umoy' omkhulu
Wabathi xhwi kakhulu,
Wabaphosa etyholweni
Wabatsho bayathazela.

3. Kwafika ndod' ithile
Iqokelel' impahla,
Yababona yabachola
Yemka nabo yagoduka.

## 13. UNODOLI

1. Ndinonodoli wam
Endimthanda kakhulu,
Ndiyambuka uDoli wam
Ndimphiwe nguMakhulu.

2. Uliqhayiya lam
Yena uDoli wam,
Sisikhumbuzo sam
Somhla wozalo lwam.

## 14. IZENZO ZOBUBELE

1. Amaqabazana amanzi
Neentlalutyana zentlabathi,
Zenza iintywenka zeelwandle
Zenze nemihlaba ebanzi.

2. Imizuzwana emincinane
Noxa ngathi idelekile,
Yenza iminyaka-nyaka
Esinga kunaphakade.

3. Izenzwana zobubele
Namazwana othando,
Enza eli lizwe liyole
Linge lifana nezulwana.

## 15. IIGUSHA

1. Nanzi iigusha
Mhee, mhee
Ebuhlanti
Mhee, mhee.

2. Ziyachetywa
Mhee, mhee,
Nab' uboya
Mhee, mhee.

3. Lala gusha
Mhee, mhee,
Sikuchebe
Nqothu, nqothu.

## 16. UBHANTOM

1. Ndinenkabi yam yenkomo
Endizenzele izolo,
Igama layo nguBhantom
Ifana nebhantam.

2. Ndidlalisa ngayo endle
Xa ndaluse amathole,
Hayi le nkabi uBhantom
Intle ngathi idaliwe.

## 17. UPONI

1. UBawo unchashe elihle
Igama lalo nguPoni,
UPoni uhamba kakuhle
Ubukeka ngenyani uPoni.

2. Yonk' imihla uphiwa umbona
Ondliwe ukuze atyebe,
Abe ngqukuva ngathi yibhola
Osulwe ahlanjwe atyebe.

3. Likhuthele ihashe likabawo
Alothuswa nangentwana yoswazi,
Okhweleyo uhlala alibale
Ad' angqwinde athulelwe umnqwazi.

4. Lithi lakusuka lishiya ikhaya
Lilithwalele phezulu itshoba,
Zakutsalwa kancinane iintambo
Licuthalale kutsho kutak' ingqatha.

## 18. UNOMYAYI

1. Yintakani leya mama
Isemthini wepesika?
Ngathi ngunomyayi mama
Lo uqhwaya izithombo.

2. Ndiye kumgxotha emke mama
Angenzi umonakalo?
Nank' esiya esitiyeni
Uza kuqhwaya izithombo.

3. Ndomsukela emke mama
Angabuye eze apha,
Huu huu heyi heyi!
Waphapha wemka unomyayi.

## 19. INKWILI

1. Niyayiva na le ntaka iculayo
Emithini phakathi ehlathini?
Itsho kamnandi inene xa iculayo
Intyiloza phakathi ehlathini.
Phulaphulani nantso intyiloza
Nkwili, vityo, vityo, vityo, vityo!

2. Ithini na zintombi le ntakazana
Ilihomb' elimzimb' ukhazimlayo?
Ngathi iyathetha le ntakazana, ithi,
"Kiliwe, ukutya kumnandi ngetyuwa!"
He nkwili khawuthethe ntakandini
Wakuva phi na ukutya okunetyuwa?
Wakha wapheka kakade na ntakandini
Ingesiko lenu nje ukutya kunye netyuwa?

3. He nkwili uthanani na nenkwili yamanzi
Ethandwa kakhulu ngamantombazana?
Ayibambe ayimfikilise ezifubeni
Ukuze akhawuleze ukuntshula amabele?
Yona ithi mvi, mvi, mvi kabuhlungu
Iz' ithi tshulubembe xa idada emanzini;
Wena uthi, Nkwili, vityo, vityo, vityo-oo!
Uze utshwebeleze xa uphapha emoyeni.

## 20. IGORA

1. Yinqebesha yendoda yandile
Wathi wakuyondela yanga yimfene,
Zigalo zipheth' umnqay' ulambile
Kumfana negqala nonentshebe.

2. Phumani nizokufanekisa
Lifikile igora lasemzini,
Namhlanje ilanga liya kutshona
Amagwala ezivalele ezindlwini.

3. Yini na dubula ngesisu etyeni
De kutake ithumbu ngaphandle!
La mathumb' ale hagu wowafeza na
Sewubhukuxe wayiloo nto nje kade?

## 21. IGAMA LAM

1. NdinguNontando igama lam,
Mithandathu iminyaka yam,
Sibathandathu kwikhaya lam,
Ndingowesithandathu kwikhaya lam.

2. NdinguNontando Ntandi elam igama,
Utsho umama xa endibiza ekhaya,
Kanti notata uthanda elo gama
Athi Nontando Ntandi ntombi yam.

3. Ndiyathandwa ngumama notata,
Ndinguntondo kulo usapho lwabo,
Ndiliphelo ubhabhana wenene,
Ndiyatefa ngokosana lwenene.

4. Kuthiwa Ntandi xa nditeketiswa,
Nam ndivuye xa ndifekethiswa,
Ndiyalithanda eli gama lam,
Ndinebhongo ngeli gama lam.

## 22. UKONWABA

1. Ndonwabile ndonwabile
Heyi ho, heyi ho,
Ndiyatsiba ndiyaxhuma
Heyi ho, heyi ho.

2. Hay' ikhaya ngobumnandi
Heyi heyi, heyi ho,
Ndiyahlutha ndiyakhula
Heyi ho, heyi ho.

3. Ndiyathandwa ngabazali
Heyi ho, heyi ho,
Bandicoca bandambese
Heyi ho, heyi ho.

4. Ndifundiswa isimilo
Heyi heyi, heyi ho.
Ndihlonele bonk' abantu
Heyi heyi, heyi ho.

5. Khaya lam, khaya lam
Heyi ho, heyi ho,
Mzali wam, mzali wam
Heyi ho, heyi ho.

## 23. UBLEKHI (IKATI YAM)

1. Ndinekati yam emnyama
Egama linguBlekhi,
Ndiyithanda isimanga
Le kati yam uBlekhi.

2. Xa ndihleli esitulweni
UBlekhi wohlala phezu kwam,
Xa ndayame etafileni
Wozikhuhla kumlenze wam.

3. Xa ndisitya okwam ukutya
NoBlekhi makatye okwakhe,
Xa ndisela olwam ubisi
NoBlekhi makasele olwakhe.

4. Xa ndihlamba umzimba
OkaBlekhi ufuna ukuhlanjwa,
Xa ndisula owam umzimba
OkaBlekhi ufuna ukusulwa.

5. Xa ndilala emandlalweni
UBlekhi ulala phezu kwam,
Xa ndirona apho emandlalweni
UBlekhi urona phezu kwam.

6. UBlekhi, hayi le kati uBlekhi!
Ndiyithanda ndiyithanda ngenene,
UBlekhi, hayi ke yen' uBlekhi!
Ndimbuka ndimbuka ngenene.

## 24. ISISU

1. Yintoni na le ithe nca emntwini?
Ngxowani le ithambe kangaka
Ngathi yimvaba yayanyiswe emthini?
Sisisu sithe nca emntwini
Sada sathi bexe ngaphambili,
Ithweleni na kade le ngxowa
Seyingathi iyasinda-sindana nje?

2. Lixhwangusha ledyongolo lengxowa
Etebise ngathi iyasindwa.
Ithweleni na le inobu bunzima
Ngokokude ityhale kuphum' intesha?
Ityhudise de igile nabadlulayo
Isunduze kube ngamahikihiki,
Kuf' ofayo ngenxa yoshicilelo.

3. Hayi ke sisu umhle wada waguda,
Wahonjiswa kukutshona kwaloo nkaba,
Khawuvule khesibone ngaphakathi
Izimanga ozigcine embilinini,
Kuba wena uxola zakukuhluthisa,
Uthi dukumfa kuphele lonk' iphango.

4. Nkosindini ethotyelwa nangumntu,
Wakulila akacingi ukuze onwabe;
Wom' umlomo kuthi kothe nomqala
Kuphel' iindaba, ubuciko namandla,
Kwakusweleka eziya phantsi kwempumlo,
Ngugolokoqo izitya namacephe
Ze ixole le nkosi inguSisu.

## 25. UKUTSHA KOMBONA

1. O yini Thenjiwe umyekeleni lo mbona
De atshe abe lilahle?
O inene Thenjiwe akulunganga
Ngokuswela inkathalo kangaka.

2. Koba njani xa ndimyekile owakho
Xa usathunyiwe njengam?
Umthetho kaThixo ezibhalweni uthi,
"Yenza kwabanye njengoko unga kungenziwa kuwe".

3. O Nkosi utshe wamnyama khutsa,
Ukuba bendiwususile eziko,
Ngendiwosa ndiwutye ke ngoku;
"Ukuzenza akufani nokwenziwa".

4. Uxolo sisi Nyameka wethu
Ngokumlibala umbona wakho,
Ungandixhibi ngenxa yesi senzo
Kuba nam ndenze ngempazamo.

5. Inene ndixolele mntakaMama
Sisi wam, Sisi wam wenene,
Xola ke Sisi Nyam-Nyam
Andisayi kuphinda Sisi wam.

## 26. IINJOVA

1. He Zolile ntang'am!
Ukhe wazibona na iinjova
Kulaa ntsimi yakuloThemba?
Azininzi ziyanyakazela!

2. Thath' iintonga zakho ntang'am
Siye kuzingela iinjova,
Sohamba ngakuloThemba
Ukuze naye asipheleke.

3. Sangena madoda entsimini!
Nantso imigaqo yazo
Madoda kukowazo apha,
Inene zifelwe ngunina!

4. Masitsho ingoma makhaba
Zize kusilinda madoda,
Yiqale Zolile mfondini
Nguwe iciko ntang' am.

5. Eluweyo, hele, hele!
Eluweyo, hele, hele!
Eluweyo, hele, hele!
Eluweyo, hele, hele!

## 27. UMTSHATO

1. Namhla ngumhl' omkhulu,
Kutshat' inkosazan' enkulu
UMafungwashe weli khaya,
Inzwakaz' intomb' enobomi,
Kuyavuywa kweli khaya.

2. Kuyadaniswa lusatshana
Umlisela nomthinjana,
Ngumtshato omkhulu
Wayo inkosazana.

3. Bayayiyizela abafazana
Kuphuma iguzu ekhasini,
Hamba Sisi wam ungoyiki
Uz' usikhonzele kwamkhozi
Ze uziphathe kakuhle.

## 28. ANDONWABANGA

1. Ukuba bendinamandla
Ngendithetha ngezelizwe,
Koko ke andiphilanga
Ndiphelelwe nalilizwi.

2. Ukuba bendinamandla
Ngendithetha ngezendalo,
Andonwabi ziinkathazo
Zentlalo yalo mhlaba.

3. Ukuba bendinamandla
Ngendithetha ngezelizwi,
Umphefumlo awuvumi
Kuba nawo awonwabanga.

4. Ukuba bendinamandla
Ngendithetha ngezemfundo,
Koko ingqondo idiniwe
Kuba nam andonwabanga.

5. Ndilusizi ndilusizi
Intliziyo inesigqukru,
Ndiyalila ndiyalila
Mandiyeke mandiyeke.

## 29. UBHANTAWULI

*(UmBhali ubongwa nguyisekazi umfi)*

1. NguHolide kaMdongwe,
NguDalas' emdeni;
NgumBhashe neNciba kuyalinganwa,
Igwangqa nenqilo kuyazalwana;
Ndakh' umhlonyane ndafulela
Kuba ndisithi nguBhantawuli,
Intamb' emakhonkco-khonkco;
Intak' emehlw' abomvu kukulila
Ililel' ezenziwe ngabom,
Bezibethwe izolo ngoNgqezana.

2. Themba lam ngub' asemagxeni,
Ndathi ndakulala ayandanela;
Seng' uWatyalwa size kukwamkela
Swaz' oluneembaxa lwakowethu;
Swaz' olukats' amadod' ankwantya
Kwezemfundo nezengoma,
Aphatha kubhunga abuye ancame;
Zaququzel' iintokazi zakulubona
Zanga zingazoja zakuluthanda
Kuba zoyiswa luncumo lwalo.

3. Yinkqantosi emabunzi
Yanga yindod' ifile,
Khon' ukuze ayibong' uSondyobane
Wanga ubong' umkhwetha;
Mayincame intomb' eyandalayo
Ukuba yomphatha umntwana,
Iphathe icilitshe nesongololo
Ihamb' ehlathini ixel' ingulube,
Ipheph' izithunzi nezicithi
Kub' ingenwe bubundlobongela.

4. Hamba Bhantawuli batsho oyihlo,
Beth' uFalteni uy' emaHlubini;
Onk' amawenu akukhulule
Athi yiy' apho wabelwe khona;
Eso sitsaba ungasithuli
Usihombele, usihlonele,
Uze ugqushe, ugwebe ngolo phondo
Olubonwe ngabo bamHlophe,
Uwel' imilambo unqol' iintaba
Ubon' izidenge ugcin' iziyatha.

## 30. ABAHLOLI-ZIKOLO ABANTSUNDU

1. Sineqhayiya thina bemfundo ya "Bantu"
Ngokulizwa ngabahloli abaNtsundu,
Ze bahlol' izikolo zethu Bantu
Kwimfundo yethu thina baNtsundu.

2. Sibona amadodana aNtsundu
Ethabatha izihlalo zabamHlophe,
Ewuchophele umsebenzi kamhlophe
Akwabikho nasikrokro kwabaNtsundu.

3. Sithi phambili midak' akowethu
Ninyulwe ngokwaziwa nto zakuthi,
Ze nichole ulwazi kwabo bamHlophe
Kaloku intaka yakha ngeentsiba zenye.

4. Zenikhuthale nide ninyameke
Ninyaniseke nide nizondelele,
Ningabatyesheli abo bamHlophe
Kub' inyathi ibuzwa kwabaphambili.

5. Niyiphakamise imfundo yamawenu
Ngokuyihlola ngolona coselelo,
Amadlala niwakhuphe kuyo aphele
Ukulunga kucace kude kuphuhle.

6. Linigxeleshile ilizwe nto zakuthi
Zeningayilibali imbeko nesidima,
Ubuhle bemikhwa yenkokeli
Buyasithimba isizwe silandele.

7. Ewe ke kunjalo bafondini
Zenilumkele ihlazo makwedini,
Nicele uSomandla ze anikhokele
Kambe ke umnt' omdala akatyelwa.

8. Makhe ndiye kutshaya ke zinkosi,
Omdala nomncinane unithulel' umnqwazi.
Ngembeko nentobeko enkulu,
Aa Bahloli! Aa Bahlekazi!

## 31. UMONA

1. Umona sisifo esibuhlungu
Kulowo sithe samngena,
Simtyhutyha-tyhutyha imithambo yentliziyo
Side siye kuhlala emazants' entliziyo.

2. Siyathukuthukuza sising' engqondweni
Ngendlela yaso egqith' emehlweni,
Sakubona sisuke sikhathazeke
Zesihlale sizama-zamana nengqondo.

3. Umniniso uphathwa lutshobo
Lumphathe ade angcungcutheke,
Ath' chamba ab' egila imikhuba
Kanti ngenene simenza ikhoboka.

4. Ngenene uphila yintlebendwane
Ad' alumele nangabo ubuxoki,
Ulaka nemfazwe ziinto zakhe
Nemikhwa yegqwira iyeyakhe.

5. Esi sifo asinantloni ngumnt' omkhulu,
Sakhela kanye kwiKumkani neBhishophu,
Kumadoda nakubo abafazi
Kumlisela nakuwo umthinjana'

6. Sisif' esinzima esitshabalalisa uhlanga
Siluthobele ezinyaweni zeziny' iintlanga,
Sidodise nenkqubela phambili
Lunge uhlanga lufakelwe idunga-mzi.

7. Wena mntundini onomona lumka,
Ungaqabuki sewungenwe bubundlobongela,
Ze le demoni ikuthwalele ebubini
Kumhadi wesihogo saphakade.

## 32. UNOZIPHO

1. Nozipho uhlaleleni evenkileni?
Kunini ndikuthume iswekile
Zendiphozise intloko ebuhlungu
Ngenxa yokungaphungi ngale ntsasa?

2. Bendizama ukukhawuleze mama
Ndisukela ukuba uze uphunge,
Ndaza ndabizwa ngusisi MaTogu
Wandicela ukuba mandimlandele.

3. Ubendicele ukuba ndiye kuthabatha
Iincwadi eziya eposini,
Wathi maze ndincede ndizipose
Ukuze zihle ziye kubaninizo.

4. Ungathini Nozipho mntwanam
Ukulibala kukulandela abantu,
Ndibe mna nditshabalala aph' ekhaya
Ngenxa yokungaphungi ngale ntsasa?

5. Andiqondanga ukuba ndiyona Mama
Ngokumlandela usisi MaTogu,
Siva ukuba uLevi walandela uYesu
Akuthi kuye makamlandele.

6. Wenze ubuyatha ke mntanam,
Ukufane ucinge ngolo hlobo,
Ukulandela iNkosi uYesu Kristu
Akulinganiswa nezinto zehlabathi.

## 33. ABAZALI BAM

1. Ndikhumbul' abazali bam
Abandikhulisa ndiselusana,
Kwiingulo bemana bendonga
Kwizifo bemana bendiphephisa.

2. Banditotosa ndiyinkenenkene
Impilo yam nene ibuthathaka,
Ndandifana nqwa newele
Kuba ndazalwa nesigqubuthelo.

3. Babendiqeqesha ngothando olukhulu
Bendifundisa imbeko nentobeko,
Ndikoyika ukuthetha kakubi
Ngenxa yemfundiso yabazali.

4. Bandinika ilifa lokukhuthala
Kumsebenzi wezandla ekhaya,
Ukulima, ukuchwela nokwakha
Ndakufundiswa ngubaw' ondizalayo.

5. Iintlobo zonke zokupheka ndiyazazi
Nokungqusha, ukusila nokuphothula,
Nomsebenzi wokucoca ikhaya
Ngenxa yemfundiso yomam' owandizalayo.

6. Ndinik' imbeko nombulelo kubo
Ngenxa yemfundo abandipha yona,
Namhlanje ndikweziphezulu iindawo
Ngokuthobela ilifa abandenzele lona.

7. Ndibe ngumfundi kwizikolo ezininzi
Ndangumfundisi-ntsapho kwizikolo ezininzi,
Ndanguye umtyeleli kwizikolo ezininzi
Ndanguye nomhloli kwizikolo ezininzi.

8. Ndangena kwisikolo secawa
Ndangena nakuyo iremente,
Ndada ndanguye nomshumayeli
Ngenxa yeemfundiso zabazali bam.

9. Sebemkile bobabini abazali bam
Baya kulala kuloo mhlaba ubandayo,
Balishiya eli lizwe lenkxwaleko
Sebephumle kwelo khaya laphakade.

## 34. UBISHOPHU BONAVENTURE DLAMINI F.F.J.

*(Ukubekwa kweBhishophu yokuqala eNtsundu kwelomDibaniso womZantsi Afrika)*

1. Siphume savakala isimemo
Kulo lonke eloMzantsi Afrika,
Lavakala idumasi neqhayiya
Lokuza kubekwa kweBhishophu eNtsundu
UBonaventure umzukulwana kaDlamini
Ithole lentombi yesizw' esiNtsundu.

2. Kwavakala ukukhanya kusiza
Ukuvela phesheya eRoma,
Aph' ingqonyela yetyalike yamaRoma
Iphicothe yaqulunqa esi sigqibo
Sokunyulwa kweBhishophu eNtsundu
Kwilizwe lama-Afrika ngemvelo.

3. Lahlokoma ilizwe ngokubanzi
Yanga liphupha le nto yakuqiqwa,
Zaxananaza iinqwelo zomlilo
Ukusinga kwiMishoni yaseMzimkhulu,
Yada yafika imini ekad' ixelwa
Yeyokuqala iBhishophu yakwaNtu.

4. Yangumntu, yangumntu kuloo ndawo
Inyambalala yeentlanga ngeentlanga,
Sabonakala isizukulwana sikaZulu
Sikululamele ukunikwa loo mbeko
Yaqhutywa loo nkonzo izukileyo
Yaphela into ebikad' ixelwa.

5. Yini na le kwedini yeAfrika!
Sizukulwana sesizwe sikaTshaka!
Khawusihlebele inqaba yolu lwazi
Olukunyuse lwakubeka emagqabini;
Ud' ulawule ulawule nabaKrweliweyo
Ekungazange kwaba njalo kweli lizwe.

6. Le vili iyajikeleza ke zinkosi,
Ayiwulibali owayo umsebenzi.
Nithini na maWesile nani maTshetshi
Nditsho nakuni nonke zicawandini!
Aniliboni na ukuba lifikile ixesha
Lokuzinikela iintambo kumnt' oNtsundu?

7. Mandiyekele amadoda abonayo!
Mandishenxele iimbongi ezaziwayo!
Yon' inyaniso imile ayijiki
Lona ikhwele malikhutshwe liphele;
Ndanga ndiyaphupha, ndiyozela ndiyalala!
Ndee qikili, ndarona, ndee sabalala!

## 35. UKUTSHILA KWENTAMBANANE

1. Ibonakele inyuka intambanane
Incutshe yeentaka ekutshileni,
Yawaneka amaphiko ngokubanzi
Yawatweza athi natya le ntaka,
Yathi gqi yanga ibiza undikho
Okwentombi kwisangqa sabadlali
Ngaloo mini inkulu yomsitho.

18 DEC 1964

2. Ithe jaju yaqhwab' amaphiko
Ngokungathi ibiza injezu,
Bayijonga abalusi ezindle
Ityhuluba kumaza omoya,
Yatshwebeleza ukusinga emafini
Iwaqothile amanqina ayo,
Yacuthalala kwee waca nembuphu.

3. Inge iyema, yaqingqa kwesi sithuba
Ilungela ukwenza umdlalo,
Yawakhulula kwakhona amaphiko
Yagiyoza nangayo loo ntanyana,
Sathi phetshu isisila satshikiza
Yatyityimba iman' ukuwisa
Ngokungathi izinika ukuphumla.

4. Idlale ngezimboyimbo le ntaka
Yavus' ikhwele nakubabukeli,
Yadal' ihlombe beva sebeyikhuza
Yatsho ngoncuthu lwahlwabis' intliziyo,
Yakha yee nqumama yanga iyacinga,
Yanduluka isinga entshonalanga
Yaya yeyela ngaphaya kwentaba.

